ITSHATHA YONIKEZELO LWEENKONZO

IiNkonzo zoLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo zePhondo kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, ngale Tshatha yeeNkonzo, lizinikele ekuziziseni kuwe iinkonzo. Masilwenze ngcono sibambisene uhambiso-nkonzo.

Indima Yethu Ngakuwe

- Siya kukubhalela sikuchazele ukuba siyifumene imbalelwano obusithumele yona zingaphelanga iintsuku ezintlanu siyifumene eyakho.
- Siya kukuphendula ngemiba osibhalele ngayo zingaphelanga iintsuku ezilishumi elinesine (14) zokusebenza.
- Siya kuzama ukuwuphendula ungadanga wakhala kahlanu umnxeba.
- Wonke oze kuthi ngemicimbi ethile siya kumhoya sithobile, simnike imbeko nentlonipho ngawo onke amaxesha.
- Siya kuzisabela iingcebiso zakho sive ukuba udinga nkonzoni, injani na, yaye unjani umgangatho wenkonzo oyilindeleyo kuthi.
- Siya kulukhupha silubeke ekuhleni singenakhethe ulwazi neengcebiso xa uzicela.
- Siya kukubonelela ngenkonzo ekhawulezileyo, efezekileyo necikizekileyo ngokwemigangatho yohambiso-nkonzo efanelekileyo.
- Siya kuzizisa kuwe simahla iinkonzo zolondolozo lweenkcukacha ezibalulekileyo, kodwa ukuba ufuna iikopi zeerekhodi, kuya kufuneka ukuba uhlawule.

Indima Yakho Ngakuthi

- Kukuba ube nobuntu, imbeko yaye usihlonele isidima samagosa ethu akuncedayo.
- Kukuba unyaniseke xa uze kuthi ngemibandela ethile.
- Kukuba ukuthakazelele ukuba uvume ukuzibandakanya kwiinkqubo zophuhliso.
- Kukuba uziphumeze izicwangciso, uwalandele amalinge neengcebiso ozifumana kwiiNkonzo zooVimba bogcinompepha ezibalulekileyo zePhondo eziphathelene nolawulo lweerekhodi.
- Kukuba uyithobele *iMigaqo neMimiselo yeGumbi lokuFunda*.

UMBONO WETHU

IiNkonzo zoLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo zePhondo kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, ngale Tshatha yeeNkonzo, lizinikele ekuziziseni kuwe iinkonzo. Masilwenze ngcono sibambisene uhambiso-nkonzo.

INJONGO UMNQOPHISO

Umnqophiso weSebe kukukhuthaza ugqweso kunye nobandakanyo lwakhe wonke ubani kwezemidlalo nakwezenkcubeko ngosetyenziso lwezibonelelo ngokufezekileyo, ngokucikizekileyo nangendlela engazixhaphaziyo, oko kusenziwa ngokwakha ubuhlakani namanye. Njengokuba siqhuba sijolise ekubeni sigqwese koko sikwenzayo, siza kwenza iimeko eziza kwenza izinto zifikeleleke ngobuninzi, abaneetalente baqatshelwe bakhuthazwe, kuphuhliswe nezakhono.

IINKONZO ZETHU

IiNkonzo zoLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo zePhondo zibonelela ngezi nkonzo zilandelayo.

ULawulo loLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo

Ubonelelo ngeenkonzo zolawulo lokuqokelela, ukwazisa abasebenzisi zinkonzo, ukhuselo nolondolozo.

ULawulo lweeNgxelo

Ubonelelo lwenkonzo yolawulo lweerekhodi zephondo.

ULawulo lweMicimbi yoShishino (ECM)

Ukulawula ukhutsho nophunyezo lolawulo lwemicimbi yoshishino kuRhulumente weNtshona Koloni.

Siluxabisile Ufikeleleko

Izakhiwo zethu zifikelela ebantwini abakhubazekileyo.

Indawo yokupaka izithuthi ekhuselekileyo elungiselelwe abaxhasi bethu iyafumaneka phaya eDrury Lane.

Isakhiwo esi sethu sicacile sineempawu ezibonakalayo.

Incwadana engofikeleleko yethu ineenkcukacha zoqhagamshelwano zeeNkonzo zoLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo zePhondo kunye neShedyuli yeMigangatho yeNkonzo ifumaneka apha:

http://www.westerncape.gov.za/archives nalapha kwaNombolo 72 kwiSitalato iRoeland, eKapa.

Siya kuzama ukuba iinkonzo zethu zibe ngazo zontathu iiLwimi ezisemthethweni zeNtshona Koloni.

Iiyure zeofisi: 07:30 – 16:00

Iiyure zegumbi lokufundela: 08:00–16:00

Iiyure zegumbi lokufundela ezongeziweyo: NgooLwesine 08:00–19:00; uMgqibelo wokuqala nyanga zonke: 09:00 -13:00.

Icebo Lokulungisa Izinto Zethu

Ukuba unesikhalazo, yiza naso kuthi. Siya kukuphendula zingaphelanga iintsuku ezili-14 zokusebenza.

Uyamenywa ukuba uthumele iingcebiso, izincomo, izigxeko-ncomo okanye iziphakamiso zakho ezingendlela yokuphucula iinkonzo zethu okanye imigangatho yeenkonzo zethu kule dilesi ilandelayo:

- **INtloko: IiNkonzo zoLondolozo lweeNkcukacha ezibalulekileyo**
  Private Bag X9025, Cape Town, 8000 Umnxeba: 021 483 0400/ 021 483 0452, Ifeksi: 021483 0444, I-imeyili: Nikiwe.Momoti@westerncape.gov.za
- **INtloko: ULawulo loLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo**
  Private Bag X9025, Cape Town, 8000 Umnxeba: 021 483 0400/ 021 483 0402, Ifeksi: 021483 0444, I-imeyili: Jolanda.Hogg@westerncape.gov.za
- **INtloko: ULawulo lweeNgxelo**
  Private Bag X9025, Cape Town, 8000 Umnxeba: 021 483 0400/ 021 483 0434, Ifeksi: 021483 0444, I-imeyili: Constance.Mthetho@westerncape.gov.za
- **Iziko loNcedo likaRhulumente weNtshona Koloni: 0860 142 142 (ukususela kwintsimbi yesi-07:00 kusasa ukuya kweye-19:00)**

URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

IsiBophelelo sikaGunyaziwe oLawulayo:

Mna, Anroux Marais, ndibophelela iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokweCandelo III, C.2 lePublic Service Regulations, 2001 njengoko wenziwe izilungiso, ukuba lithobele le tshatha.

AMarais Sx

01/04/2018

Anroux Marais